Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL**
**SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 12

# SEPTEMBA 2022

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO
# IPHEPHA LESIBINI (P2)

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2½ iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-33.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Landela imiyalelo ekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: ISIHOBE
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: INOVELI**

**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE kwinoveli oyifundileyo.**

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| 1. *Kusa kusihlwa* | 35 | 5–8 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 9–12 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13–16 |

**ICANDELO B: IDRAMA**

**Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwinoveli oyifundileyo**.

| | | |
|---|---|---|
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17–21 |
| | | |
| 5. *Inzala YamaRhamba* | 35 | 22–25 |

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 'Umntu akalahlwa' | 18 | 26–27 |
| 6.2 'Ndakuyicel'ivuthiwe' | 17 | 28–29 |

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwisihobe.**

| | | |
|---|---|---|
| 7.1 'Umnqayi' | 18 | 30–31 |
| 7.2 'UNjingalwazi P.T. Mtuze | 17 | 32–33 |

**ITSHEKLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amabini. Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|---|
| A | Inoveli<br><br>(Kusa Kusihlwa)<br>*(Umqol'uphandle)*<br>(UMonwabisi) | 1–3 | 1 | |
| | | **OKANYE** | | |
| B | Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| | | **OKANYE** | | |
| C | Amabali amafutshane<br><br>('Umntu akalahlwa')<br>Ndakuyicela Ivuthiwe | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| | | **OKANYE** | | |
| D | *Isihobe*<br><br>*(Umnqayi)*<br>*(UNjingalwazi P.T Mtuze)* | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA:** Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- *Kusa Kusihlwa* nguKS Bongela
- *Umqol'uphandle* nguMAP Ngani
- *UMonwabisi* nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

**UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 1.1 noMBUZO 1.2.

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA A**

"Hayi mani phulaphula xa kuthethwa Nomakhwezi. Akungomntu wokuqala ukwenda, nofumana iinzima. Ayizizo nanzima ezi, ngaphandle nje kokuba uphanjaniswa lulwimi lwento ongakhange uyibambe ngokwakho. Le nto uyifuthuzelayo iza kukuphoxa …"
…Ungakhe ulinge undixelele ngento yokwenda kwam, ungazange wende wena. Ndiyakucebisa ukuba ungangeni ezintweni zam. Andinakuze ndiyinyamezele le nokuba kuthiwa mandinyamezele. Ukuba kobu bulumko bakho uzama ukuquma uLungile kule mikhwa yakhe, ingasuka ihle ehlayo, torho. Uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande. Nokokuba sekusithiwa iintsiba zakhe zinde zigqiba ilizwe eli, ufike esitishini kule kaSoluthi intombi. Sis! Ndigezelwe yinja!?"
**UYolisa umthobozile enyamezele ezo zinyembo naloo ntlamba** wada waba uyanqandeka. Uyeke ngelithi umgcade ukufika kwakhe ngoLwesihlanu. Njengokuba iveki isiya icukutheka, nokhofukhofu lukaNomakhwezi luye lukhula ngokukhula ngokokude ngamanye amaxesha amane ukuhlasimla nokuba uyedwa. Ide yafika impela-veki waba uyafika uyise kaMpumelelo, loo nto ebuya eyekelele umzimba engazi ukuba litshawuza imibane.
Wayengenalo nofifi lokuba kunyembelekile.
Wafika ephethe ubugcwabalalana bezinto ezinjengeziqhamo kunjalo nje ebuphathele inkosikazi yakhe. Yayikwakho nelokhwe ayifumene ngexabiso eliphantsi kula maxabiso entengiso, phofu yona iyeyexabiso ngokudalwa.

1.1.1 Xela ukuba wazana njani uNomakhwezi noYolisa athetha naye kwisicatshulwa. (1)

1.1.2 Chonga igama elithetha, 'izenzo ezingalunganga' kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

1.1.3 (a) Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uNomakhwezi ungumlinganiswa okrwada. (2)

(b) Chaza ukuba obu bukrwada ukuba bumbeke kweyiphi imeko uNomakhwezi ekupheleni kwebali. (1)

1.1.4 Tolika inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

1.1.5 Ingaba saphumelela isifungo sikaNomakhwezi esithi, " ... uza kundazi namhlanje ukuba ndingubani na lo mfana kaNtsibande". Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.6 Ngqina ukuba oku kukwisicatshulwa kuqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

1.1.7 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKHOLAM B nophawu lwayo olukuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo | (i) Yidrama |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi | (ii) Sisichazi-magama |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iii) Sisihobe |
| | (iv) Libali elifutshane |

(3 x 1) (3)

1.1.8 Kubeluncedo njani ukungabikho komlinganiswa onguLungile kweli bali? (2)

1.1.9 Xela uphawu anikwe lona ngumbhali uMpumelelo olumenze ukuba aphumelele ukumelana nemiqobo ebisendleleni yakhe. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

'Musa ukundingxamela SekaMalungisa. Ikho into ethi wayifumana ngomgunyathi bedibene notatomncinci uSondlo. Ngenxa yokuba uMosia wayenemali, waqhatha utatomncinci wamseza notywala kwenziwa izigqibo. Abantu abaninzi kuthiwa utatomncinci wayehamba ebaxelela ukuba uyithengisile, nanjengoko nathi sisazi loo nto.'

“Awu, kanti kunjalo?”

“Usabuza wena,” itshilo imazi.

“Ingenzeka njani, mfazi, into yokuba ivenkile ibe seyikwaNtsibande kanti ngumgunyathi?”

'Kudala ndikuxelela ukuba abanye abantu abamathanga njengawe lo. Kuba nangoku sekude kube yile nto nje wawumele ukuba unenxaxheba kule venkile ukwenzela ukuba iwele kuwe kwakuqala. Iindaba ke thina siyazifumana koomabhalana. Nangoku ukuba unokuya kuThamsanqa ufike ubize iincwadi zale venkile akasoze akunike.'

“Hi Nozililo, uqinisekile ngale nto uyithethayo? Uthetha ukuthi kanti sihleli nje siphise ngelifa lakwaMakhwetshu kula mahlwempu akwaNtsibande?”

“Kanye nqo. Yile nto ndihlala ndiyithetha yonke le mihla, uyithathe kancinci.”

“Ke siza kuyithini le nto?”

“Khawukhe uye kuThamsanqa uye kufuna iincwadi zayo. Ukuba uzifumene siza kubakho isandla sikatatomncinci. Andithi uyasazi?”

“Ndisazi kakuhle. Kaloku uyarhixiza ngenxa yelaa dumbe lakhe.”

Okwenene uyile uNtongana kuThamsanqa wafika exakekile ephethe iincwadi zevenkile.

“E, Jwarha mntakwethu, ndize ukuze undincede.”

“Ewe; ngantoni ke?”

1.2.1 Chaza eyona nto iyingxaki afuna isombululeke uNozililo ngokwesi sicatshulwa. (2)

1.2.2 Xela isizathu sokuba uNozililo akholelwe ukuba zange ibe sisigqibo sikaSondlo ukunikezela ngevenkile esele ililifa lakwaNtsibande. (2)

1.2.3 Kuvezwe njani kwesi sicatshulwa ukuba uNozililo akayihloniphanga indoda yakhe? (2)

1.2.4 Kwakutheni ukuze uNozililo aqiniseke ukuba uThamsanqa akanazo iincwadi zevenkile? (2)

1.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umbalisi kule noveli ngumntu (ongaphakathi/ongaphandle) ebalini. Xhasa impendulo yakho. (3)

1.2.6 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UNomakhwezi watyoboza imoto yomsebenzi kaLungile.

(b) UNozililo wathenga ootsotsi bokuya kubulala uMpumelelo eLusikisiki.

(c) ULungile wayithenga kuNtongana ivenkile.

(d) UMpumelelo wandisa isibhedlele eLusikisiki. (2)

1.2.7 Chaza umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)

1.2.8 Xela indima yempixano ebalini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**

## UMBUZO 2: UMQOL'UPHANDLE – MAP NGANI

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 2.1 noMBUZO 2.2.

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA C

Umfo wakwaHlobo uzibone seleyinyathela iNdende ngeqegu lakhe. Akubanga kudala, waba selemisa phambi kwendlu awayibona esekude. Yayibhalwe ngokucacileyo phezu komnyango: -7B. Kulapho ke wayehlala khona uEddie esaphila.

Wafika sezilapho izixhiphothi ezibini zamapolisa. Ayebekwe kwangephezolo ukuba agcine kungabikho namnye ongenayo, kungabikho nophumayo. Uthe esihla emotweni, abe selemkhawulela, elindele eminye imiyalelo.

"Ndifuna omnye wenu andikhaphe xa ndingenayo ngaphakathi." Lowo ke ibengokaHlobo umyalelo, ethetha engemanga, ingqondo seyingxamele phambili. "Omnye kuni uya kushiyeka phandle, anqande kungangeni mntu." <u>Ngephanyazo nje engene uHlobo, loo ndlu ibe ngumbhodamo.</u> Impahla iphoswe ngapha nangapha, **kuphendlwa nesibi esasilapho**. Wayebangatshona ngapha, abuye ze umcuphi wabantu. Kwakucacile ukuba uEddie lo wayengumntu onomdla kwizinto ezininzi. Kwakuzele apho yingqokelela yezinto ngezinto – ukusuka kwezakhayo de kuye kwimfitshimfitshi yamabhinqa.

Kuloo mgubhululo, eyaba yeyokugqibela kuHlobo yaba kukufunda nganye nganye kwisipha seencwadi ezazibhalelwe uEddie. Inkoliso yazo yayizezivela kuLinda. Uziphe ixesha umfo kaHlobo, enyamezela ukuva loo mfeketho yeendaba zomfazi obhala ethe thwanga lisoka lakhe. Wayephatha kudibana nemfitshimfitshi yobukhwele, ibe ngamasososo okungaphumeleli kwakhe edingeni labo noEddie, ibe kukubhobhoza kwakhe ngempahla entsha, ibe kukuphindaphinda ebisenzeka ngomhla othile benoEddie – yonke loo nto ixelelwa umntu oyaziyo.

2.1.1 Xela ukuba wazana njani uLinda Monti noEddie ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)

2.1.2. Chonga igama elithetha,"ixesha elincinci" kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

2.1.3 (a) Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uHlobo wayeqinisekile ukuba uza kuzifumana ezincwadini iinkcukacha zombulali kaEddie. (2)

(b) Chaza ukuba oku kuqiniseka kwakhe kumbeke kweyiphi imeko uHlobo ngokwasebalini. (1)

2.1.4 Tolika inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

2.1.5 Ingaba waphumelela umnqweno kaHlobo wokubamba abona babulali bakaEddie Maga? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.6 Ngqina ukuba oku kukwisicatshulwa kuqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

2.1.7 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKHOLAM B nophawu lwayo olukuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo | (i) Yidrama |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi | (ii) Sisichazi-magama |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iii) Sisihobe |
| | (iv) Libali elifutshane |

(3 x 1) (3)

2.1.8 Kubeluncedo njani ukungabikho komlinganiswa onguEddie kweli bali? (2)

2.1.9 Xela uphawu anikwe lona ngumbhali uHlobo olumenze ukuba aphumelele ukumelana nemiqolo ebisendleleni yakhe. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Kwakudlula iintsukwana, eze kum efuna icebo. Hayi mna ndibhebhethile ngelithi uyatyholwa uEddie ngoLulama lo. Ndimqondile ukuba ukholwa engakholwa bobo buxoki bam. Ekuhambeni kwexesha, uEddie walubonakalisa nasesidengeni uthando lwakhe kuLulama, noLinda sendiqonda ukuba ungxamele ukumncama uEddie wakhe. "Kunokwenzeka ke ngoko ukuba ummangalelwa waqhutywa bubukhwele kwisenzo atyholwa ngaso …"
Lixhume kwangoko igqwetha: "Lamla, wena Ohloniphekileyo! Ingqina lomtshutshisi alinalungelo lakuphalaza izimvo zalo enkundleni yamatyala."
'Ndiyangqina nam,' itshilo imantyi.
Wekhwence kwangoko umtshutshisi ukuhlala phantsi, sele erhoxozelisa ukuthi: "Andinamibuzo iyenye kwingqina lam."
Igqwetha: 'Ummangalelwa lo uthi ungumhlobo wakho, nto kaMdoda?'
UMdoda: 'Oyena mhlobo wam yayinguEddie.'
Igqwetha: 'Ndiyabona nam. Ukuba ndiyavumeleka, ndingathi kukho ubutshaba phakathi kwakho nommangalelwa.'
Umtshutshisi, etsiba naye: 'Lamla, wena Ohloniphekileyo!'
Imantyi: 'Oku kuxhwithaxhwithana phakathi komthetheleli nomtshutshisi namangqina akuzi kusa mntu ndawo- kumacala onke. Makuphele ukuphalazwa kwezimvo enkundleni.'
Uqale wazilungalungisa okaKhumalo phambi kokuba aqhube ukungcambazisa okaMdoda. 'Masibuyele enkomeni, nto kaMdoda … Ukuba uEddie lo wayengumhlobo wakho omkhulu, manyathelo mani owawathabathayo wakuva ukuba ufe ngendlela engaqondakaliyo? Ndithetha ukuthi kukho nto owakha wayisa emapoliseni ukuzama ukuwanceda kuphando lwawo, ngokuthi mhlawumbi, uwachazele ngokukekela kothando lukaEddie nommangalelwa? Kaloku uEddie wayengumhlobo wakho ngokutsho kwakho."

2.2.1 Chaza eyona ngxaki ajongene nayo uLinda ngokwesi sicatshulwa. (2)

2.2.2 Xela isizathu sokuba uMdoda abe kule nkundla yamatyala. (2)

2.2.3 Kuvezwe njani kwesi sicatshulwa ukunganyaniseki kukaMdoda kubuhlobo bakhe noEddie? (2)

2.2.4 Kwakutheni ukuze uHlobo angabikho kwezi ngxoxo? (2)

2.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umbalisi kule noveli ngumntu (ongaphakathi/ongaphandle) ebalini. Xhasa impendulo yakho. (3)

2.2.6 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UThembisa Ntlokonkulu wahambela kwisikhululo samapolisa

(b) UHlobo waya e*Moonglow* apho wathi akubhaqwa ukuba ungumcuphi wabethwa.

(c) UJoe Bumba wanika ubungqina enkundleni yamatyala obabuveza ubukhwele bukaLinda.

(d) UHlobo waya e*Femina House* ukuya kubuza malunga *nemink coat.* (2)

2.2.7 Chaza umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)

2.2.8 Xela indima yempixano ebalini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU EWONKE 35**

## UMBUZO 3: UMONWABISI- ZA JAPHTA

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 3.1 noMBUZO 3.2

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA E

Ububele bukaThandabantu babungaphelelanga kubathengi nabasebenzi kuphela. Nosapho lwakhe lwaluthiwe wambu yiloo ngubo yakhe yobubele ishushu. <u>Noxa wayeyiloo mvuzemvuze bububele ngakusapho lwakhe uRhadebe, wayekwanaso wena isandla esingqongqo sengqeqesho.</u> Umntwana owayefane athambe ngakuye yayinguMonwabisi lowo, singazi ke bethu nokuba yayiyimfobe nosizi ngakuye kuba ekhula engenamzali ungowakhe. Wayesoloko emkhusela kwabanye abantwana xa mhlawumbi bedlala ukuze ke bamdlalise kabuhlungu kuba emncinci kunabo. Bona ke abo bantwana bakhe babesoloko benesikhalazo sokuba yena uMonwabisi uthandwa ngokugqitha bona nguyise lowo wabo, kuba besithi akafane abethwe okanye angxoliswe nguye yena. UThandabantu akazange ayinanze nganto le nto yezi zikhalazo kuba esithi ziinkcuku nje zosapho olusakhulayo, loo nto iya kuphinde idlule xa bekhulile bayibone ukuba ayinjalo loo nto. Kuba eneneni yena wayengamthandi ukubodlula abo bakhe uMonwabisi, koko nje yayilusizi lobuzali ebona yena inkedanyana engenabani, ngoko ke engafuni ukuba izibone ihlelelekile phakathi kwabo bakhe. Kungoko ke wayengayinanzi into yezikhalazo zabo bantwana bakhe. Oyena mntu yamkhubekisayo le nto yokukhalaza kwaba bantwana yaba ngunina wabo, uMamTolo. Yamhlupha kakhulu into yokubona abantwana bakhe **betyelelelwa nguMonwabisi** waza wazimisela ukuba uza kwenza konke okusemandleni akhe ukuba asivale eso sikhewu.

3.1.1 Xela ukuba wazana njani uThandabantu noMonwabisi ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)

3.1.2 Chonga igama elithetha ukuba, “ububele bukaThandabantu ngakusapho lwakhe lwalugqithisile” kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

3.1.3 (a) Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uMonwabisi wayefumana ingqeqesho engafaniyo neyabantwana bakaThandabantu. (2)

(b) Chaza ukuba oku kuphathwa ngokwahlukileyo kumncede njani uMonwabisi ekupheleni kwebali. (1)

3.1.4 Tolika inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

3.1.5 Ingaba waphumelela umnqweno kaMamTolo wokuba uMonwabisi aphile njengesicaka kwaThandabantu? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.6 Ngqina ukuba oku kukwisicatshulwa kuqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

3.1.7 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKHOLAM B nophawu lwayo olukuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo | (i) Yidrama |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi | (ii) Sisichazi-magama |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iii) Sisihobe |
| | (iv) Libali elifutshane |

(3 x 1) (3)

3.1.8 Kubeluncedo njani ukungabikho komlinganiswa onguGcinumzi kweli bali? (2)

3.1.9 Xela uphawu anikwe lona ngumbhali uMonwabisi olumenze ukuba aphumelele ukumelana nemiqolo ebisendleleni yakhe. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

Ngethuba uThandabantu ebesengusihlalo wakhe wayekela izinto zonke ngakwinkosikazi yakhe. Wayemthembile kaloku kwaye ke yonke loo nto babenayo babeyiqale bobabini, ngoku ke wamthemba ngako konke. Nolo sapho lwalulolwabo bobabini. Naye ke bethu umamTolo wayengabonisanga kwahluleka okanye ukusindwa nguloo msebenzi womzi wakhe. Kodwa singatsho ukuba isandla sakhe zange sifane neso sendoda yakhe. Kuye umsebenzi wayengumsebenzi qha qwaba, hayi enye into. Kwakufanelekile ukuba ayazi indawo yakhe. Abathengi bona wayengenaxesha lokuhoyana neemfekethwana zabo. Wayengamameli nasiphi na isikhalazo sabo. Kambe ke impumelelo iyamguqula umntu iveze cala limbi lakhe ebelikade lingaziwa. Laa mamTolo wakuqala wayeyimvuze-mvuze bububele efana nomyeni wakhe, umdla wakhe omkhulu wawungekho kuloo mashishini abo. Wathanda ukuwayekela kwabo basebenzi babesebenza kuwo. Kungelo xesha kanye ke apho abo basebenzi bafumana ikroba lokuba babe loo mali yayingeniswa ngaloo mashishini. Loo mkhuba waqhuba engawuqapheli umamTolo wada wabonwa nguRhadebe ekubuyeni kwakhe.

Eyona nto yayibambe umdla kamamTolo yayingabantwana bakhe, ikakhulu amantombazana la, hayi ke ewakokosile ejonge yonke into enxulumene nawo. Kaloku wayeneenjongo eziphezulu kakhulu ngawo, ezimisele ukuba bakunqandwa ziinkwenkwezi njengoko amandla oko babenawo nomyeni wakhe. Inkolelo yakhe yayiyile yokuba kufuneka abantwana abaxabise ngokubenzela yonke into

3.2.1 Chaza eyona ngxaki ababejongene nayo uRhadebe nomamTolo ngokwakwisicatshulwa. (2)

3.2.2 Xela isizathu sokuba uphele umdla kuRhadebe ade abe uyekele izinto zonke ngakwinkosikazi yakhe. (2)

3.2.3 Kuvezwe njani kwesi sicatshulwa ukuba impatho kamamTolo yayingqwabalala ngakubasebenzi bakwaRhadebe? (2)

3.2.4 Kwakutheni ukuze uMonwabisi ashiywe yedwa eNtshiqo? (2)

3.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umbalisi kule noveli ngumntu (ongaphakathi/ ongaphandle) ebalini. Xhasa impendulo yakho. (3)

3.2.6 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UGcinumzi wafumana ingozi yebhasi wabhubha.

(b) UMonwabisi waphumelela ibanga leshumi emagqabini.

(c) UThandabantu wavusa itrektari walimela abantu amasimi.

(d) UMonwabisi wamkela uxanduva lokongamela amashishini kaThandabantu. (2)

3.2.7 Chaza umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)

3.2.8 Xela indima yempixano ebalini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Kweli candelo, kukho imibuzo esetwe kwezi drama zilandelayo:

- *Ndiyekeni* ngu DM Jongilanga
- *Inzala YamaRhamba* nguM Mlokoti

Phendula NAWUPHI umbuzo OMNYE okwidrama oyifundileyo.

Phendula YONKE imibuzo ekwidrama oyifundileyo.

### UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 4.1 noMBUZO 4.2.

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

MADALA: Ingaba intsusa-mabandla yintoni?

NDILA: Into ibitheni na bawo, iluchuku nje lwabashumayeli.

MADALA: UMawonga lo ucinga okokuba esi sikolo sesakwaLoni. Kanti uqeshwe njengani nonke.

NDILA: Ukuqeshwa yeny'into bawo, ukhonya okweBhulu efameni yalo.

MADALA: Ngaba sesi sanyankomo, ecinga ukuba isikolo esi ngamagqub'akhe.

NONCI: Kanti makazi ukuba uDicksie lo naye uzalwa ngabantu njengaye, akaphumi sidulini.

MADALA: Masango, khawuthule uza kuwona lo mcimbi.

NONCI: Hi bantu benkosi! Ndathi ndivelana nomntwana kaMamCirha, kanti nditheza olunenkume.

MADALA: Nisuke niquphe ukuthetha oku, nixhaph'amagwebu ningekayifumani nenyongo yento ekuthethwa yona ngobufazi obu benu- he! Mfanandini uza uphethe mcimbi mni kweli khaya, usithi mandombele yiphi ingoma?

NDILA: Tshangisa! Skhomo! Kudala undinyula ezinyuleni, namhlanje ndigxampuza kokaThisayo umgxobhozo.

MADALA: Ngako oko inqanawa iya kufuna embombo imiqokozo.

NDILA : Kunjalo kanye Tshangisa. UMawonga undityhola ngokunxila esikolweni into ke leyo endingazange ndiyenze ndinxila nje. Ukuba ndiyanxila ndizinxilela phaya ezingqaqeni kambe ke selendithembise ngomnyango.

MADALA : Uyititshala yokuqala ukwenza loo nto?

NDILA: Ndazi phi na Tshangisa ngokuba **isuthu ngathi liphume nam nje**.

MADALA: Hlala ndikuxelela ukuba uMawonga akunakumbeka entanyeni okwedyokhwe.

NDILA: Eyona nto undibona ukungakwazi ukufundisa esisigqogqo oku kwakhe kuyo yonke le ngingqi.

MADALA: Masidlule apho mfo wam. Ingaba yintoni ekuthuthe yaza kukubek' apha?

4.1.1 Xela ukuba wazana njani uMadala noMasango ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)

4.1.2 Chonga igama elithetha, “ingxaki” kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

4.1.3 (a) Ngqina ngokwesicatshulwa ukuba uNdila wayengaqali ukuza kufuna uncedo kuMadala. (2)

(b) Chaza ukuba oku kuncedwa kwakhe nguMadala kumbeke kweyiphi imeko uNdila emva koku. (1)

4.1.4 Tolika inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

4.1.5 Ingaba waphumelela umnqweno kaNdila wokuba angagxothwa eNobutho? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.6 Ngqina ukuba oku kukwisicatshulwa kuqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

4.1.7 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKHOLAM B nophawu lwayo olukuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo | (i) Yidrama |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi | (ii) Sisichazi-magama |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iii) Sisihobe |
| | (iv) Libali elifutshane |

(3 x 1) (3)

4.1.8 Kubeluncedo njani ukungabikho komlinganiswa onguMawonga njengenqununu yaseNobutho kweli bali? (2)

4.1.9 Xela uphawu anikwe lona ngumbhali uMawonga olumenze ukuba angaphumeleli ukumelana nemiqobo ebisendleleni yakhe. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

| | |
|---|---|
| FUNEKA: | Mfo kabawo ezilumkileyo zitya zibeka ukuze zithi akwaphusa uxam, zitshone emngxunyeni, zixel'iimbovane. |
| ZANELE: | Hayi mntakabawo iliwa libhek'umoya. |
| FUNEKA: | Ngubani othathe indawo kaMawonga? |
| ZANELE: | Lichelezi apha uMaziko. |
| FUNEKA: | Yeka umntwana womntu wethu. Kukh'ukuthini wethu? Kubethw'iintonga kulo mhlaba asazi phesheya kwengcwaba. |
| ZANELE: | Umgibe obambisa ngawo unqakulwa kwanguwo uthiywe bantu bambi. Makalumke noMaziko. |
| FUNEKA: | Umthiyi usoloko elibaze kanobom iliso lakhe ekuphambeni imigibe. Ezidluleyo zidlule, zishiywa apho kubethelwe mgama. |
| ZANELE: | Lilonke uthi efileyo ayanyiwa mathole yebhonxileyo ephilisayo. |
| FUNEKA: | Uliva kakuhle. |
| ZANELE: | Kodwa ndingathini ukumenza loo nto uMawonga? |
| FUNEKA: | Akuyazi into owawuzokuyenza apha eMonti? |
| ZANELE: | Ndiyazi nqo mtshan'am. |
| FUNEKA: | Ukuba uyiloo mbo yondla amadoda akuzikulunga. Amadoda adalelwe ukondla. |
| ZANELE: | Hayi ntombi musa ukude wolule, ndinqena nje ukulahla imbo yam ngophoyiyana. |
| FUNEKA: | Kulunge kanye uphoyiyana xa imbo inyanyeka; ngaphezulu ndikholwa apha kule ndlu ziintaka ezibekayo. (*Nkqo! Nkqonkqo!)* |
| FUNEKA: | Nguye lowo, kokwesihlanu kule veki simondla engatsitsi nto. Zimela phaya ewodrophini umyekele kum. (*Azimele angene uMawonga.)* |
| FUNEKA: | Ngena. |

MAWONGA: Hallow mtshana.

FUNEKA: Mh!

MAWONGA: Kutheni na namhlanje? Waphusile uxam?

FUNEKA: Kaloku kuhlwa kusisa, iyileyo imini inezayo. Ndingakwenzela ntoni?

MAWONGA: Uphi uZan?

FUNEKA: Oko ebeye edolophini akakabuyi.

MAWONGA: Awu! Ziziphi ezi venkile zivula de kubethe intsimbi yesine ngoMgqibelo?

4.2.1 Chaza eyona ngxaki wayejongene nayo uMawonga ngokwesi sicatshulwa. (2)

4.2.2 Xela isizathu sokuba umdla kaFuneka ubesekubeni uZanele ahlale enendoda athandana nayo. (2)

4.2.3 Kuvezwe njani kwesi sicatshulwa ukuba uZanele uyamsizela uMawonga? (2)

4.2.4 Kwakutheni ukuze aqiniseke uFuneka ukuba uMawonga wayengazikukhupha mali akufika ngolu suku? (2)

4.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umbalisi kule noveli ngumntu (ongaphakathi/ongaphandle) ebalini. Xhasa impendulo yakho. (3)

4.2.6 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UZanele wahlangana noMawonga ethekweni bathandana.
(b) UNdila waya kwaFuneka eyokuboleka imali.
(c) UNdila wabulala uMawonga.
(d) UMaziko waya kwaMadala eye kuthetha ngoLoni ochitha isikolo. (2)

4.2.7 Chaza umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)

4.2.8 Xela indima yempixano ebalini. (2)

**[35]**

**UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M. Mlokoti**

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule drama uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 5.1 noMBUZO 5.2.

5.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA I**

| | |
|---|---|
| NCAPHAYI: | Ndiyabulela Tshezi, ndiyabulela mkam. Nantsi into, ndiyazi kona ukuba sithi isintu indoda ayikhali nokuba seyingxange ezingxangxasini, kodwa mkam kunyembelekile. |
| MATSHEZI: | Ndiphulaphule tata. |
| NCAPHAYI: | Ewe kona ngokwempilo ndixikixekile nkosikazi, namandla andisenawo ngoku, nogqirha ukungqinile oko izolo xa besiphaya. Uyakhumbula phofu? |
| MATSHEZI: | Ewe tata ndiyakhumbula, yaye khange ndithande, kodwa ndifane ndaziqinisa ngelithi nguThixo owaziyo. |
| NCAPHAYI: | Heke. Kodwa andikhathazwa yimpilo nakukuguga nje kodwa mfazi. Eyona nto ingamandla yimeko yaba bantwana ndiza kukushiya nabo xa ndinokuthi ndibhubhe. |
| MATSHEZI: | Ubona nje nam iyandixhalabisa imeko yaba bantwana Tolo, ngakumbi uDina-hayi akandonwabisi konke-konke. |
| NCAPHAYI: | Heke, - Ndilapho kanye, lo mntwana andiyifumani ingqondo yakhe kwaphela. Ukhe umve khona wena encokola nodadewabo nabantakwabo? |
| MATSHEZI: | Hayi tata, uyinto esoloko izivalele egumbini lokulala, suka amke ngorhatya abuye ezinzulwini zobusuku. |
| NCAPHAYI: | Nantso ke. Ikho le nto imtyayo lo mntwana, kunjalo inkulu. Uyaqonda phofu ukuba uBantubomzi noNtomboxolo ngabona baselula yaye bamele ukujonga kuye njengomzekelo, kodwa hayi akanguwo umzekelo konke-konke. |
| MATSHEZI: | Hayi kona kunjalo tata, ibe eyona nto indixhalabisa nangakumbi yile yokuba umkhuluwa lo wabo uZanoxolo uyakhwela kulo nyaka uzayo, **uya eMlungwini.** |

5.1.1 Xela ukuba wazana njani uNcaphayi noNtomboxolo ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Chonga igama elithetha, "amanzi" kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

5.1.3 (a) Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uDina unemfihlo angaxeleli mntu ngayo. (2)

(b) Chaza ukuba le mfihlo anayo uDina imbeke kweyiphi imeko ekupheleni kwebali. (1)

5.1.4 Tolika inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

5.1.5 Ingaba waphumelela umnqweno kaNcaphayi wokuba uDina ayeke ukubuya ebusuku? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.1.6 Ngqina ukuba okukwisicatshulwa kuqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

5.1.7 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKHOLAM B nophawu lwayo olukuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | | **KHOLAM B** | |
|---|---|---|---|
| (a) | Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo | (i) | Yidrama |
| (b) | Ibhalwa ngokohlobo lweprozi | (ii) | Sisichazi-magama |
| (c) | Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iii) | Sisihobe |
| | | (iv) | Libali elifutshane |

(3 x 1) (3)

5.1.8 Kubeluncedo njani 'ukusweleka' kwabasebenzi bakwaThambolenyoka kweli bali? (2)

5.1.9 Xela uphawu anikwe lona ngumbhali uThambolenyoka olumenze ukuba angaphumeleli kwimizamo yakhe yokuzakhela ubutyebi. (2)

**KUNYE**

5.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA J**

NYOKA: (*Esothuka)* Nithi kutheni?

NOYONGO: Kunjalo Mlungu.

NYOKA: Yinto eyenzeke njani leyo?

NOYONGO: Kuthiwa ucholwe ngamapolisa emva kwentsimbi yethoba phezolo Mlungu. Ucholwe **equngqaluze** phambi kwendlu leya ebehlala kuyo noNozici.

NYOKA: Kuthiwa wenzakele njani?

NOMHASE: Naye kuthiwa linxeba linye Mlungu, emqolo. Lingene ngemva ezimbanjeni latyhubela laya kuhlaba intliziyo. Kubonakala ukuba bekuxa avula umnyango, kuba kuthiwa ufunyenwe efumbethe isitshixo esandleni.

NYOKA: Akukho nto ithathiweyo kuye?

NOYONGO: Hayi Mlungu, nesipaji sakhe sifunyenwe sisekuye.

NYOKA: (*Uthule ithutyana ecinga ejonge phantsi, suka wagqabhuka ngumsindo)* -Niyayibona le nto ndiyithethayo, ndisithi kuni bambani laa mntwana unxibe impahla emnyama. Niyaphela ngoku. Kule veki iphelileyo ibinguNozici, ngoku nguNozigoci. Ngubani owaziyo ukuba kule izayo izakuba ngubani? Mhlawumbi nguwe Nomhase, Noyongo okanye ndim. Kwazi bani?

NOYONGO: Kodwa makhe sithethele phantsi Mlungu. Nawe usuka usihwahwe ngamanye amaxesha singakwazi nokucinga. Yini Mlungu wam kunini sasebenza nawe sithembekile. Ewe yona into yokugetyengwa kukaNozici noNozigoci ngolu hlobo ayehli kamnandi nakuthi. Kodwa wena usuke uthi sisazama ukusebenzisana nawe usihwahwe ngolu hlobo. Usebenzise amazwi abukhali nahlabayo, usaphule iintliziyo.

NOMHASE: Ewe kunjalo Mlungu. Unyanisile uNoyongo. Akuzange kube nje apha kweli khaya. Iminyaka sasebenza apha, akuzange kube nje. Nathi asithandi Mlungu.

5.2.1 Chaza eyona ngxaki wayejongene nayo uThambolenyoka ngokwesi sicatshulwa. (2)

5.2.2 Xela isizathu sokuba umdla kaThambolenyoka ibekukufuna ukwazi ukuba akukho nto ithathiweyo na kuNozigoci. (2)

5.2.3 Kuvezwe njani kwesi sicatshulwa ukuba ooNoyongo bayamkhalazela uThambolenyoka? (2)

5.2.4 Kwakutheni ukuze aqiniseke uDina ukuba uGxalaba uza kumnceda kubanjwe uThambolenyoka? (2)

5.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umbalisi kule noveli ngumntu (ongaphakathi/ongaphandle) ebalini. Xhasa impendulo yakho. (3)

5.2.6 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UDina wagoduka wayokucela uxolo kubazali bakhe.
(b) UKuku wagxothwa kwaNyoka kuba ekhulelwe.
(c) UNoyongo wabulawa ngokuhlatywa ngencula.
(d) Amapolisa ambamba uNyoka amvalela (2)

5.2.7 Chaza umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)

5.2.8 Xela indima yempixano ebalini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Kweli Candelo, kukho imibuzo esetwe kula mabali mafutshane alandelayo:

- 'Umntu akalahlwa' – LL Ngewu
- 'Ndakuyicela ivuthiwe' – EZ Guqa

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kula mabali mafutshane uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 6.1 noMBUZO 6.2.

### UMNTU AKALAHLWA – LL Ngewu

6.1 **ISICATSHULWA K**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> UMathidala ke ubeneenkomo ezityaliweyo kuyo yonke loo lali yaseThembeni, Imali yona ebengayikhathalelanga nganto kuba ubengawuqondi kakuhle umsebenzi wayo, Ubelima umbona, iimbotyi namazimba ngeenkomo zakhe kanti ekwasenga kwalapha kuzo. Izinto ezithengwa evenkileni bezinqabile kweli khaya kangangokuba abantwana bakhe babethande ukudlakazela nokuhleleleka phakathi kwabanye abantwana.
>
> Unobangela wokuba iintombi zakhe ezimbini nonyana bangafundi kukuba bebesolusa loo mhlambi kuloo mathambeka aseThembeni. Ibiluvuyo olungathethekiyo kunkabi ukuba neentombi ezingaka kuba eqonda ukuba umhlambi wakhe uza kuya ukhula ngokukhula. Ithemba lakhe letha mhla kwamitha uThandile intombi yakhe yamazibulo. Le ntombi yehlelwa sesi siwo xa igqibezela izifundo zayo zobutitshalakazi eBhencuthi. UMathidala wambetha loo mntwana walutywantsi emxelela ukuba soze aphindele kweso sikolo, phofu enziwa kukungaqondi ukuba intombi le sele iyigqibile imfundo yayo.
>
> Ube kwazama ukuyigocagoca eyomba ukuba leliphi eli tshivela limenzakalisileyo, **wabuya nembande yesikhova** nakuba bekubonakala ukuba oyena mntu onobungozi bokumenzakalisa nguyise ncakasana. Uthe ngenxa yomsindo wazikhupha neentombi zakhe ezimbini esikolweni ezithuka ezifanisa nayo yonke into eyakha yambi apha phantsi kwelanga. UMaMthi wathi akuthetha nendoda yakhe eyicenga ukuba ingabakhuphi abantwana esikolweni, wathukwa wathi shwaca oku kwakhe njengelokonya lomfazi elithwebula abantwana kwindlela eyiyo.

6.1.1 Xela ukuba wazana njani uMathidala noMaMthi ekuthethwa ngaye kwisicatshulwa. (1)

6.1.2 Chonga igama elithetha, "ukwahluka kakhulu" kwinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. (2)

6.1.3 (a) Ngqina ngolwazi olukwisicatshulwa ukuba uMathidala wayekhohlakele engenalusini ngakwiintombi zakhe. (2)

(b) Chaza ukuba oku kuzikhohlakalela kwakhe iintombi zakhe kumbeke kweyiphi imeko uMathidala ekupheleni kwebali. (1)

6.1.4 Tolika inkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

6.1.5 Ingaba waphumelela uMathidala ukuba zohlwayeke iintombi zakhe ngokuzigxotha kwakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

6.1.6 Ngqina ukuba okukwisicatshulwa kuqhubeka kula maxesha okhanyo. (2)

6.1.7 Tshatisa uhlobo lwejenra ekuKHOLAM B nophawu lwayo olukuKHOLAM A.

| **KHOLAM A** | **KHOLAM B** |
|---|---|
| (a) Ibhalwa ngokohlobo lwemiqolo | (i) Yidrama |
| (b) Ibhalwa ngokohlobo lweprozi | (ii) Sisichazi-magama |
| (c) Yahlulwa ngokweendima nemiboniso | (iii) Sisihobe |
| | (iv) Libali elifutshane |

(3 x 1) (3)

6.1.8 Kubeluncedo njani ukuphangela kukaThandile eMpheko kweli bali? (2)

6.1.9 Xela uphawu anikwe lona ngumbhali uMathidala olumenze ukuba angaphumeleli kwimizamo yakhe yokuzakhela ubutyebi. (2)

**KUNYE**

**NDAKUYICELA IVUTHIWE – EZ GUQA**

6.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA L**

Kuphele iminyaka emine ingekho imvisiswano phakathi koNozukile nomzi wamaNdlambe yaye noMaVumisa ubechwethelwa phaya kude ngumolokazana kaMchitheki. Uhambe ngoku uNozukile wanonyawo lwemfene, kwacaca ukuba nesikolo eso wayedlisela ngaso akanamsebenzi naso. Kungenzeka phofu ukuba nesikolo eso yayingeyonto wayeyiwele phezulu, koko wayezama nje indlela yokuchitha isithukuthezi ngenxa yokunqaba kwezinto zokuchitha isithukuthezi eMaqaqasini. Akuvakali ukuba wayeneenjongo ezinzulu ngemfundo Mhlawumbi wakhutshwa esikolweni lisoka esanxanelwe imfundo.

Ubesimka ekhaya engaxelelanga mntu. Kaloku babengasatshotshelani noMaVumisa. Ubebuya uQolwana umfazi wakhe engekho athi akubuza kunina ukuba uyephi, omnye aziphendulele nje ngokupholileyo esithi, "*Hayi kaloku, nyana, umfazi ngowakho. Ingathi wawutshilo nje kumadoda amaNdlambe".* Nakuba ebebonakalisa ukuxhalaba nje ubethi xa abuzwe ngamadoda amaNdlambe, agqibe ukusenga kwezimithiyo ngokuthi umshiye eThekwini.

Iqhubile le nto uNozukile emana elahleka athi akubuzwa ukuba uvela phi abeyinto emntwini. Esi simo sikaNozukile simtsho uQolwana waziva ngathi yinkunzi enqunyulwe amanqindi. Kuthe esajonge le yokumana elahlekelwa ngumfazi ngathi uyathwasa, wasuka ngeny'imini kwasa uNozukile eyiwole yonke eyakhe, akashiya nesipeliti. Kwakubanje uye wabona unyana kaMchitheki ukuba amasi agcadwe elangeni.

6.2.1 Chaza ingxaki wayejongene nayo uQolwana ngokwesi sicatshulwa. (2)

6.2.2 Xela isizathu sokuba uNozukile angevani noMaVumisa. (2)

6.2.3 Kuvezwe njani kwesi sicatshulwa ukuba uNozukile wayehamba iindlela ezingaqondakaliyo? (2)

6.2.4 Kwakutheni ukuze kuthiwe uNozukile akanguye umfazi wamaNdlambe? (2)

6.2.5 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umbalisi kweli bali ngumntu (ongaphakathi/ongaphandle) ebalini. Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2.6 Chonga zibeziBINI iziganeko ezenzekileyo ebalini kwezi zilandelayo.

(a) UMaVumisa wendisa uNokwanda.

(b) UNozukile usebenza eThekwini.

(c) UMluleki uxolelana noNozukile.

(d) UQolwana uzilobolela umfazi. (2)

6.2.7 Chaza umxholwana ovela kwesi sicatshulwa. (2)

6.2.8 Xela indima yempixano ebalini. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – S. Maputi nabanye

Funda izicatshulwa zemibongo ezilandelayo uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

**QAPHELA:** Phendula imibuzo esetwe kuzo zoziBINI izicatshulwa, oko kukuthi UMBUZO 7.1 noMBUZO 7.2.

7.1 Funda umbongo olandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA M**

**UMNQAYI – S. Maputi**

Untongani le ingazanga yabetha?
Untongani le ingalaliswayo?
Untongani le ikwazi ukuthetha?
Untongani le ingaqoqwayo?
Awufakwa ntsilasthi nadalo.
Lo mnqayi usikelelekile.

Asinduku le ukuhlonipheka;
Ngobumnyama nesithozela;
Ayichathwa bhinqa nankwenkwe;
Phofu ayihlali nezinye izagweba;
Lo mnqayi uthamsanqelekile.

Amakrwala athweswa ngawe;
Khu ngokunene oobhuti abatsha.
Begcine umfaneleko nokuxabiseka;
Bengcembe bekhangele phantsi;
Ingekuko ukuthanda kodwa intlonipho
Yakho mnqayindini.

Yintoni le ityhulu ngawe;
Imicimbi oyisindlekayo inesizothe nje?
Kumangalwa ngawe kwaXhosa;
Ugodusa isisu uqhube nekhazi;
Loo madoda emva kwezo nkomo,
Awaphazami ukuphekuza ngawe.

Akufika emzini awabuzwa,
Kuyaziwa, inyewe lulwendiselwano;
Kwakubonwa wena kuthethwa ngosingaye,
Hayi inyewe yobukhozi.

Lo mnqayi undilisekile.
Ubuhlobo, uzakuzo ufombekile.
Abasweleyo nezinhanha bawukhonzile.
Intsingiselo ibubom obutsha.
Kuloo masebe ombhongisa nentsinde,
Kanti nesiphingo ukuthwasa koMdumba.

7.1.1 Nika zibeMBINI izinto ezingenziwayo ngomnqayi ngokwakwisitanza soku-1. (2)

7.1.2 Xela ukuba usetyenziselwe ntoni umbuzo buciko kwimiqolo yokuqala emine yalo mbongo. (2)

7.1.3 Nika umsebenzi owenziwe yirayim kulo mbongo. (2)

7.1.4 Chonga isithetha-ntonye segama, 'isidima' kwisitanza sesi-2. (1)

7.1.5 Cacisa okuqulethwe sisitanza sesi-3. (2)

7.1.6 Chaza indlela esahluke ngayo isitanza sesi-4 kwesesi-5 ngokwesakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)

7.1.7 Xela ukuba unjani umoya otyalwa yimbongi kulo mbongo. Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.8 Loluphi udidi lombongo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.9 Ingaba ulwazi olufumene kulo mbongo luyitshintshile indlela owubona ngayo umnqayi? Xhasa impendulo yakho. (3)

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa sesibongo silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA N**

**UNJINGALWAZI P.T. MTUZE – Z. Mtumane**

Aa! Njinga yolwazi!
Mathwal'izidanga ngentloko!
Wena **Mabelek'izidang'emqolo!**
Kuzo zonke utshila ngesiXhosa.

Kumaziko emfundo uyaziwa,
Waziwa ngokufunda nokuxelenga.
KwaSesile ukhe wabonwa,

Uphethe isidanga sokuqala,
Uhlanganise noguqulo-ntetho.
E-UNISA bayakwazi.
Apho ubufunda ngekhandlela,
Ukuze nje ube neHonours neMasters
NaseKapa ukhe wavela,
Ukuze nje bakubize ngobuGqirhalwazi,
Siyakukhahlela ke Gqirha wolwazi
Ubazi bonke ubugoci-goci besiXhosa.

Wena Mguquli weelwimi ezimbini,
Uguqulel'isiNges'esiXhoseni,
Ubuy'ubuyisel'isiXhose'esiNgesini,
Ukuz'amaXhos'aqondane namaNgesi,
NamaNges'angalahlekwa sisiXhosa.

7.2.1 Xela uphawu olubonisa ukuba lo ngumbongo osisibongo. Cwangcisa impendulo yakho ngolu hlobo:

(a) Indlela yokusiqala isibongo (1)

(b) Ubume bezitanza zesibongo (1)

7.2.2 Nika umfanekiso-ntelekelelo oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (2)

7.2.3 Khankanya zibeNTATHU iidyunivesithi afunde kuzo uNjingalwazi Mtuze ngokwesitanza sesi-2 sesi sibongo. (3)

7.2.4 Caphula umqolo osixelela ukuba uNjingalwazi Mtuze ukhe wafunda ehlala emzini wakhe. (2)

7.2.5 Libhekisa kwintoni igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sibongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.2.6 Nika umongo wesitanza sesi-3 sesi sibongo. (2)

7.2.7 Sidlulisa myalezo mni esi sibongo? (3)

7.2.8 Ngubani imbongi yesi sibongo? (1)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha